



Ukukhetha iincwadi nomntwana wakho

Abagcini babantwana bangadlala indima ebaluleke kakhulu ekuncedeni abantwana bakhetha iincwadi eziza "kubenza bakuthande" ukufunda namabali. Ngokomzekelo, kubaluleke kakhulu ukuba iincwadi zeentsana nezabasekhreshi zibe ngolwimi abaluthetha ekhaya kangangoko kunokwenzeka. Ukufunda ngolwimi abaluthetha ekhaya kubenza baluqonde, balwazi ngakumbi kwaye bafune ukuqhubeka befunda. Iincwadi ezingenamagama ezinemifanekiso zikunika ithuba lokubalisela umntwana wakho ibali ngendlela yakho. Umntwana wakho angazidalela awakhe amabali naye. Iincwadi ezingenamagama zimnandi kakhulu kubantwana nakubazali abathetha iilwimi ezahlukeneyo.



Choosing books with your child

Caregivers can play a very important part in helping children choose books that will get them "hooked" on reading and stories. For example, it is very important that books for babies and pre-schoolers are in their home language wherever possible. Reading in your home language deepens understanding, knowledge and the desire to keep reading. Wordless books with pictures give you the chance to tell a story to your child in your own way. Your child can create their own stories too. Wordless books are great for children and adults who speak different languages.

Iincwadi zeentsana nabantwana abancinci

- ★ Iintsana ziithanda imifanekiso neefoto ezinemibala eqaqambileyo namagama alula.
- ★ Iintsana ziithanda isingqi solwimi nokumamela ukuphindaphindwa kwamagama namagama anemvamo-siphelo okanye imvamo-siqalo.
- ★ Abantwana abancinci bona bathanda iincwadi ezinemifanekiso ezineengoma zokuthuthuzela usana, ukudlala ngamagama kunye nemvamo-siphelo okanye imvamo-siqalo.
- ★ Abantwana abancinci bathanda neencwadi ezinesigama esinesingqi esinamandla nophindaphindo lwamagama.

Books for babies and young children

- ★ Babies like brightly-coloured pictures or photographs with simple text.
- ★ Babies love the rhythms of language and listening to repetition and rhyme.
- ★ Young children enjoy picture books with lullabies, wordplay and rhymes.
- ★ Young children also enjoy books in which the text has a strong rhythm and repetition.



Khetha ezingafaniyo

- ★ Khetha iincwadi ezinezinto abaziqhelileyo abantwana bakho – ngokomzekelo, amakhaya afana nekhaya labo, nezinebali elibenza bafunde ngeziganeko zobomi abazaziyo okanye abakhe badibane nazo.
- ★ Khetha iincwadi ezithetha ngezinto ezintsha ukuze abantwana bakho babe nomdla kwiindawo nakwinkubeko eyahlukileyo kweyabo.
- ★ Khetha iindidi ezingafaniyo zeencwadi ezinjengamabali asesikolweni, amabali asemajukujukwini, amabali entsapho nobuhlobo, amabali endalo, amabali athetha ngembali, amava, iingcinga nezinto ezimangalisayo.



Choose variety

- ★ Choose books that have things that are familiar to your children – for example, the homes look like their homes, and the story lets them explore life events they know about or come across.
- ★ Choose books about new things so that your children become interested in different places and cultures.
- ★ Choose different kinds of books like school stories, space stories, family and friendship stories, nature stories, stories about history, adventures, fantasy and mysteries.



Ukufundela ukuze ufumane inkcazelo

- ★ Iincwadi ezingobomi bemihla ngemihla – njengokufika kosana entsatsheni, ukudivosa kwabazali okanye ukuvavanywa kobuhlobo – zinganceda umntwana aqonde iimvakalelo zakhe kwaye ajongane neengxaki.
- ★ Ezinye iincwadi zingakunceda nokuba uthethe ngezinto oneentloni okanye ekunzima ukuthetha ngazo, njengesondo, ukugula nokufa.
- ★ Iincwadi zenkcazelo zibenza babe nomdla kwindalo nakwimizimba yabo.
- ★ Ukufunda ngamava abantu abebandakanyeke kwipolitiki, kubugcisa, kumculo, kwezamayeza nakwisayensi kungenza ulutsha luthathe isigqibo sokuba luza kwenza ntoni ebomini.
- ★ Iincwadi zenkcazelo ziyaluphangalalisa ulwazi lwabantwana, ibe bafunda ngendawo nangendlela yokufumana inkcazelo.

Reading for information

- ★ Books about everyday life – like a new child in the family, parents' divorce or a test of friendship – can help children understand their feelings and cope with challenges.
- ★ Some books can also help you to talk about things that may be embarrassing or difficult, like sex, illness and death.
- ★ Information books awaken interest in the natural and physical world.
- ★ Reading about the experiences of people involved in politics, art, music, medicine and science can motivate young people to decide on what to do with their lives.
- ★ Information books broaden children's knowledge, and they learn about where and how to find information.



Drive your
imagination



IT STARTS WITH
A STORY.
KONKE KUQALA
NGEBALI.

Ishelufa yeencwadi yakwaNal'ibali



Siyazithanda izinto enizipapashayo!

AbakwaJacana banoluhlu olukhulu lweencwadi zabantwana ngeelwimi eziliqela. Nazi ezimbalwa kwiincwadi zabo zabantwana.

JACANA MEDIA
20 YEARS
of
INDEPENDENT
PUBLISHING

Nal'ibali Bookshelf

We like what you publish!


Jacana offer a wide selection of books for young readers in a range of languages. Here are a few of their books for children.

Lixesha Lokuhamba

Ibhalwe nguMarianne Bester yaza imizobo yazotywa nguShayle Bester

Kweli bali liyimibongo elibhalwe ziintombi zakwaBester eziphumelele amawonga, umama weNqu ubiza umntwana wakhe esithi makayeke ukudlala kuba lixesha lokuhamba. Kodwa umntwana akakafuni ukuyeka. Njengoko besisana ngapha nangapha, sifumanisa ukuba kanti iNqu neQwarhashe ziyalishiya ikhaya lazo zifudukela kwenye indawo.

Ikwaifumaneka nangeAfrikansi, ngesiXhosa nangesiZulu.



Time to Go

Written and illustrated by Marianne Bester and Shayle Bester

In this poetic story from the award-winning Bester sisters, a mother Wildebeest calls her child to finish playing because it is time to go. But the child is not ready. As the push and pull continues, we learn that the Wildebeest and Zebra are in fact leaving their home behind to move to a new place.

Also available in Afrikaans, isiXhosa and isiZulu.


UShudu ufumanisa ukuba unomlingo

Ibhalwe nguShudufhadzo Musida

Imizobo nguChantelle noBurgen Thorne

Kule ncwadi ebonisa isibindi nentle, uMiss South Africa, uShudufhadzo Musida, ubalisa ibali lakhe lobuntwana. Funda indlela uShudu oyisa ngayo ukuba lusizi neengxaki aze akhule abe yintombazana, ekugqibeleni abe ngumntu omdala, ofunde ukuzithanda!

Ikwaifumaneka nangeAfrikansi, ngesiXhosa, ngesiZulu, ngesiSuthu nangesiVenda.



Shudu Finds her Magic

Written by Shudufhadzo Musida

Illustrated by Chantelle and Burgen Thorne

In this courageous and beautiful book, Miss South Africa, Shudufhadzo Musida, tells the story of her childhood. Read how Shudu overcomes her sadness and her challenges and grows into a girl, and then into an adult, who has learned to love herself!


Also available in Afrikaans, isiXhosa, isiZulu, Sesotho and Tshivenda.

UNicholas Nabo Abaphatha Kakubi Abanye Abantwana

Ibhalwe nguNiki Daly nemifanekiso yazotywa kwanguye

Uye ubathini Abo Baphatha Kakubi Abanye Abantwana xa udibana nabo ngosuku lwakho lokuqala esikolweni? UNicholas ujongene neqela leendlavini, eziquka uCharlie Oyimbukumbuku, uJake Okhohlakeleyo, noReggie Umxabanisi, kanti eyona iqatseleyo, yinkokeli yalo eyintombazana, uCindy Crocker. Kodwa ngokusebenzisa isiphiwo anaso nobuchule, uNicholas ekugqibeleni uyahlonitshwa Ngabo ABaphatha Kakubi Abanye Abantwana aze azenzele umhlobo omtsha ongalindelekanga.

Ifumaneka nangeAfrikansi, isiXhosa nesiZulu.



Nicholas and the Wild Ones

Written and illustrated by Niki Daly

How do you deal with a bunch of Wild Ones on your first day at school? Nicholas is faced with a gang of bullies, including Big Charlie, Mean Jake, Wedgie Reggie and, worst of all, their girl leader, Cindy Crocker. But by using his talent and creativity, Nicholas eventually wins the respect of the Wild Ones and makes a surprising new friend.

Also available in Afrikaans, isiXhosa and isiZulu.



Ubusazi na?

Ibali lethu lokufunda ngokuvakalayo liyafumaneka ngoku e-Ethnikids!

Itumaneka ngazo zonke iilwimi ezisemthethweni eMzantsi Afrika Available in all official South African languages

ethnikids
made for me

Did you know?

Our Read-Aloud Story Collection is now available at Ethnikids!

Drive your imagination

Faka ioda yekopi yakho ku-www.ethnikids.africa!

Order your copy online at www.ethnikids.africa!

IT STARTS WITH A STORY.

Ingcali Kwezenzululwazi Elityelweyo
Ibali LikaSaul Sithole

Libhalwe nguLorato Trok

Eli libali lengcali kwezenzululwazi entsundu eyadlala indima ebalulekileyo ekufumaneni inkcazelo ngendlela abantu, uluntu neenkubeko eziphuhla ngayo (iantropoloji) nangeentaka (jomitoloji). Le ncwadi isixelela ngendima yakhe ekuqokeleleni le nkcazelo, isichazela ngomsebenzi wobomi bakhe kwaye ibalisa ibali eliya kuba nefuthe kwizizukulwana ezizayo zeengcali zenzululwazi.

Ifumaneka nangeAfrikansi, ngesiXhosa, ngesiZulu, ngesiSuthu nangeSipedi.



The forgotten scientist
The story of Saul Sithole

Written by Lorato Trok

This is the story of a black scientist who played an important role in finding information about how people, society and cultures develop (anthropology) and about birds (ornithology). This book tells us about his role in gathering this information, shares his life's work and lays out a story that will inspire future generations of scientists.

Also available in Afrikaans, isiXhosa, isiZulu, Sesotho and Sepedi.




UWanda okhaliphileyo

Ibhalwe nguSihle Nontshokweni noMathabo Tlali

Imizobo nguChantelle noBurgen Thorne

Dibana noWanda oneenwele ezithi ndijonge. UWanda netshomi yakhe uNkiruka bema baqine baze bakhali phe xa bejamelene nengxaki enkulu. *UWanda Okhaliphileyo* libali elincoma amandla entombazana kwaye lisikhumbuza ukuba ukukhalipha nobuhlobo zingakwenza ube namandla!

Ifumaneka nangeAfrikansi, isiXhosa nesiZulu.



Wanda the brave

Written by Sihle Nontshokweni and Mathabo Tlali

Illustrated by Chantelle and Burgen Thorne

Meet Wanda with her glorious head of hair. Wanda and her friend Nkiruka stand strong and brave in the face of a big challenge. *Wanda the Brave* is a celebration of girl power and is a reminder that courage and friendship can make you powerful!

Also available in Afrikaans, isiXhosa and isiZulu.

Ntingela Phezulu! Thoko

Ibhalwe nguNiki Daly nemizobo izotywe nguye

Umbhali othandwa kakhulu ngabantwana ubuyile neqhawekazi lakhe eliithandekayo lasekuhlaleni, uThoko! Kula mabali mane afundeka lula, landela uThoko njengoko efunanisa ukuba ubuhle abupheleli kwindlela okhangeleka ngayo. UThoko udibana nendoda ethandana nomama wakhe, ibe ukucoca elwandle kuphumela kwiprojekthi yokusebenzisa izinto ngokutsha ngobugcisa.

Ifumaneka nangeAfrikansi, isiXhosa nesiZulu.



Fly High! Thoko

Written and illustrated by Niki Daly

Your favourite children's author is back with his delightful local heroine, Thoko! In these four easy-to-read stories, follow Thoko as she realises that beauty is not about how you look. Thoko meets her mama's new boyfriend, and cleaning up the beach leads to a creative recycling project.

Also available in Afrikaans, isiXhosa and isiZulu.

Thath'indawo Yakho, Ungomnye Wethu

Ibhalwe nguKaren Theunissen

Imizobo nguMiriam Mathosi

Le ncwadi yemifanekiso enemvano-siqalo nemvano-siphelo ibalisa ngeetshomi ezimbini eziphethwe kakubi nakabuhlungu kwindawo yabantwana yokudlala ngenxa yokuba inkangeleko yazo ingafani.

Ifumaneka nangeAfrikansi, isiXhosa nesiZulu.



Take Your Place, You Belong

Written by Karen Theunissen

Illustrated by Miriam Mathosi

This rhyming picture book tells the story of two best friends who face unfair and hurtful treatment on the playground because they look different to one another.

Also available in Afrikaans, isiXhosa and IsiZulu.

IINCWADI ZIFUMANEKA SIMAHILA!

UNal'ibali ugqiba iminyaka eli-10 kulo nyaka! Ngaba likho ibali elimnandi ongathanda ukusibalisela lona ngoNal'ibali?

Sithumelele ibali elinamagama ali-100 ibe ungafumana incwadi yakwaJacana njengesipho sikaNal'ibali sokugqiba iminyaka eli-10!

BOOKS UP FOR GRABS!

Nal'ibali is turning 10 years old this year! Do you have a good story to tell us about Nal'ibali?

Send us your 100-word story and you could get a Jacana book as a gift for Nal'ibali's 10th anniversary!



Isizathu sokuba sidinge iincwadi

Siye sifunde ukuzithanda iincwadi xa zithimba iingqondo zethu. Abantwana abancinci kufuneka bazijonge iincwadi, bachukumise amaqweqwe namaphepha azo, bazinukise, ibe iintsana ngamanye amaxesha ziyazihlafuna! Kwanabantu abadala bayawanukisa amaphepha encwadi entsha xa beza kuyifunda. Kubalulekile ukuba iincwadi zibe zizinto zemihla ngemihla kwikhaya lakho ukuze intsapho yakho ithimbeke ingqondo zizo!

Why we need books

We learn to love books when we feel connected to them. Young children need to look at books, touch the cover and pages, smell them, and babies sometimes chew them! Even adults smell the pages of a new book that they are about to read. It is important that books become everyday objects in your home so that your family can connect with them!

- ★ **Funda iincwadi yonke imihla ukuze uye ukuthanda ukufunda.** Bafundele ngokuvakalayo abantwana bakho yonke imihla – nokuba yimizuzu eli-15 nje qha. Abantwana abaninzi bayakuthanda ukufundelwa iincwadi ngaphambi nje kokuba balale, kodwa ayibalulekanga into yokuba nizifunda nini kunye iincwadi imihla ngemihla.



- ★ **Read books every day to grow your love of reading.** Read aloud to your children every day – even for just 15 minutes. Most children enjoy being read to just before bedtime, but it doesn't matter when you read books together each day.

- ★ **Khangela iincwadi ezintsha ukuze utyebise uthlekelelo nolwazi lwakho.** Tyelela kwilayibrari yasekuhlaleni okanye kwivenkile ethengisa iincwadi uze ukhangele iintlobo ngeentlobo zeencwadi nababhali.

- ★ **Discover new books to expand your imagination and knowledge.** Visit your local library or a bookshop and discover different types of books and authors to enjoy.

- ★ **Ncokolani ngeencwadi ukuze nisondelane njengentsapho.** Ncokola nabantwana bakho ngeentlobo zeencwadi namabali abawathandayo: iincwadi ezinenkcazelo, amabali amava, aweengcinga, amabali awenzeke ngokwenene, amabali ezinto ezenzeka imihla ngemihla ebomini okanye amabali abalisa ngamaqhawe nabangcatshi.

- ★ **Talk about books to connect as a family.** Talk to your children about which kinds of books and stories they like: information books, adventure stories, fantasy, true stories, stories about everyday life or ones with heroes and villains.

- ★ **Zikhethe iincwadi ukuze uvuselele umdla wakho.** Xa beqalisa ukuzifundela, nceda abantwana bakho bakhethe iincwadi ezibangela umdla nezingenzimanga kakhulu kubo.



- ★ **Choose books to spark your interest.** When they start to read on their own, help your children to choose interesting books that are not too difficult for them.

- ★ **Baliselanani ngeencwadi ukuze uncede nabanye bafunde.** Dibanani nabahlobo nabantwana babo nize nichithe ixesha nibaliselana ngamabali, nifundelana iincwadi kwaye nincokola ngazo nangamabali.

- ★ **Share books to help others read more.** Get together with friends and their children and spend time sharing stories, reading to each other and talking about books and stories.

- ★ **Chazani izimvo zenu ngeencwadi ukuze nikhuthaze nabanye ukuba bafunde.** Khuthaza abantwana bakho babhale izimvo abanazo ngeyona ncwadi bayithandayo uze uzibeke kwindawo enokubonwa ngabanye abantu, okanye uzithumele kwa-Nal'ibali ukuze zipapashwe kwiwebhusayithi yethu okanye kweli hlelo.

- ★ **Review books to motivate others to read.** Encourage your children to write a book review of their favourite book and then place it where others can read it, or send it to Nal'ibali to publish on our website or in this supplement.


Sithumelele ngeimeyili izimvo zakho kwiadresi ethi info@nalibali.org okanye uziposele kwiadresi ethi The Nal'ibali Trust, 2 Dingle Avenue, cnr Rosmead Avenue, Kenilworth, 7708.



Email your reviews to us at info@nalibali.org or post them to The Nal'ibali Trust, 2 Dingle Avenue, cnr Rosmead Avenue, Kenilworth, 7708.

Khulisa ithala lakho leencwadi. Zenzele iincwadana EZIMBINI onokuzisika-ze-uzigcine

1. Khupha iphepha le-5 ukuya kwele-12 kolu hlelo.
2. Uxwebhu olunamaphepha aqala kwele-5, ele-6, ele-11 nele-12 lwenza iincwadi yokuqala. Uxwebhu olunamaphepha aqala kwele-7, ele-8, ele-9 nele-10 lwenza eyesibini iincwadi.
3. Sebenzisa uxwebhu ngalunye kula mabini ukwenza iincwadana. Landela imiyalelo engezantsi ukwenza iincwadi nganye.
 - a) Songa uxwebhu phakathi kumgca wamachaphaza amnyama.
 - b) Phinda ulusongwe phakathi kwakhona ulandela umgca wamachaphaza aluhlaza.
 - c) Sika ke ngoku ulandela imigca yamachaphaza abomvu.



Grow your own library. Create TWO cut-out-and-keep books

1. Take out pages 5 to 12 of this supplement.
2. The sheet with pages 5, 6, 11 and 12 on it makes up one book. The sheet with pages 7, 8, 9 and 10 on it makes up the other book.
3. Use each of the sheets to make a book. Follow the instructions below to make each book.
 - a) Fold the sheet in half along the black dotted line.
 - b) Fold it in half again along the green dotted line.
 - c) Cut along the red dotted lines.



Drive your imagination

"But it is MINE! I found it and I won't let anyone take it. IT IS MINE!"

"No, it isn't, silly!" Ma's voice said inside her head. "The right thing to do is the only thing to do!"

Quickly, Lifa took the parcel out of her drawer, got on a chair and hid it high up on top of the cupboard. Then she waited for Ma to come home. She spent the day arguing with herself.

Think of all the things they could do if she kept it. But no. That was stealing. If she kept it, maybe it was enough for Ma to give up work. But even that thought did not bring her happiness.

But ... she couldn't escape that voice ... "The right thing to do is the only thing to do!"

"Kodwa YEYAM mosi Ndim oyicholeyo ibe akukho mntu oza kuyiva. YEYAMI!"

"Hayi, asiyoyakho, sidenge!" latsho ilizwi likaMama engqondweni yakhe. "Into elungileyo kuphela kwentlo omele uyenze!"

Ngoko nangoko, uLifa wakhupha la pasile kwidrowa, wakhwela esitulweni waza wayifihla phezu kwekhathathi. Emva koko walinga uMama wakhe ukuba abuye.

Wachitha loo mini ethetha eziphikisa. Khawucinge nje ngezinto angazenza ukuba angazigcinela yona. Kodwa hay' khona. Bubusela obu. Ukuba angayigcina, mhlawumbi uMama angade ayeke noko kuphangela kuba yanele. Kodwa naleyo into kwakungamxolisi ukuyicinga.

Kodwa ... lalisanakenteza lona ela lizwi ... "Into elungileyo kuphela kwentlo omele uyenze!"

HEARTLINES
The Centre for Values Promotion



Xa ufuna inkcazelo engakumbi nceda uthumele i-imeyili kwiadresi ethi info@heartlines.org.za okanye ufowunele kule nombolo (011) 771 2540.

For more information please email info@heartlines.org.za or phone (011) 771 2540.

Yenza ibali linike umdla!

- ★ Zoba umfanekiso wezinto ocinga ukuba uLifa wazithenga ngemali yakhe yembuyezeko.
- ★ Khawube nombono womntu ebuyisa into ebikulahlekele. Bhala ileta yokubulela loo mntu uyibuyisileyo.
- ★ Wena nomhlobo wakho okanye ilungu lentsapho, yenzani uluhlu lwemibuzo umcholacholi weendaba angayibuza kuLifa. Ngoku tshintshanani omnye azenze umcholacholi weendaba aze omnye abe nguLifa xa kudliwano-ndlebe.

Get story active!

- ★ Draw a picture of the things you think Lifa bought with her reward money.
- ★ Imagine that someone returns something that you've lost. Write a letter to thank the person who gave it back.
- ★ With a friend or family member, prepare a list of questions that a news reporter could ask Lifa. Now take turns to pretend to be the reporter and Lifa in an interview.

UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa elinjongo yalo ikukuvuselela nokwendeliselisa inkcubeko nesithethe sokufunda kuMzantsi Afrika uphela. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-www.nalibali.org okanye ku-www.nalibali.mobi



Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark and embed a culture of reading across South Africa. For more information, visit www.nalibali.org or www.nalibali.mobi



Drive your
imagination


Ikholaam KaLifa Yezinto Ebezilahlekile Zaza Zafunyanwa



Lifa's Lost and Found Sindiwe Magona • Heather Iggulden

Izinto eningathetha ngazo: Ukuba umntu omaziyo ulahlekelwa yinto uze wena uyifumane, yekabani ngoku? Wazi njani ukuba yeyiphi into elungileyo ofanele uyenze? Kutheni ngamanye amaxesha siphikisana ngokuba yintoni "into elungileyo"?

Ideas to talk about: If someone you know loses something and you find it, to whom does it belong now? How do you know what is the right thing to do? Why do we sometimes disagree about what the "right thing" is?



As she stood there, Lifa thought about what she held in her hands. Her heart was thudding louder than a cowhide drum. She clutched the parcel tightly against her chest and ran home. She raced inside, and closed and locked the door. Safe!

But home did not feel quite safe anymore. Not with Mr Mzi's parcel there. It was as though she was being watched. Even the walls seemed to have eyes! Lifa stuffed the parcel under a pile of clothes in her drawer. But she couldn't relax. What if someone had seen her pick up the parcel? What if they guessed what was inside? And came and asked for it? Or took it by force?

“Yho ayisadiki nje le mini yanamhlanje!” watsho uLifa ecinga. “Ndidikiwe nje. Ibe iselusuku lokuqala nje leeholide!!”



ULifa waqhubeka efunda ucwangciso lukamabonwakude. Kuthe kusenjalo weva umnyango uvuleka waza wambakrazwa kwakhona. Waxhuma wema ngeenyawo waza wabaleka waya efestileni eyokroba. YayinguTat’ uMzi osoloko equmbile owayehlala kwindlu yesibini ukusuka kowabo.

UTat’ uMzi wehla ngezitepsi egangxe iipasile eziliqela kwenye ingalo, kwaye ephethe ibrifkheyisi, izitshixo ezininzi namaphepha ngenye ingalo. Wakhaba igeyiti yavuleka waza waya kwiMazda emnyama eyayipakwe ngaphandle nje kwegeyiti. ULifa wabukela njengoko uTat’ uMzi wayebeka enye ipasile phezu kwemoto, wavula ucango olungasemva waza waphosa ibrifkheyisi nezinye izinto kwisitulo esingemva.

Yahamba yona imini. ULifa wayengakwazi kutya okanye ukudlala okanye ukulala. Wayengakwazi kubukela umabonwakude, ukufunda incwadi okanye ukutshayela endlini. Owu, uza kubuya nini na yena uMama? Ekugqibeleni, kanye xa ilanga lisithela ngenxa kwezakhiwo ezikude, uMama wavula umnyango wangaphambili. ULifa waxhuma. “Mama!” wakhwaza. “Khawuleza! Yizobona! Khawuleza!”

UMama waya esithi phuhlume amehlo njengoko wayejonga ngaphakathi kwalo pasile. Wathi cwaka ixesha elide. Akazange athehe nto.

Ibe ngoko nangoko uLifa waqonda ukuba uza kuthini. “Mama, udla ngokuthi, into elungileyo kuphela kwento omele uyenze,” wasebeza esitsho.

UMama waphfumlela phezulu – ewutsala kancinci umoya ebungathi udiniwe. Wacimela waza wanikina intloko kancinci. “Ndizidla nyhani ngawe, Lifa,” watsho.



The editor wrote another article encouraging others to turn in things they had found.

Pets, belts, wallets and sometimes even cell phones were brought in until the newspaper could not cope with all the items and asked Lifa to help out.

Today, you will see a newspaper column called “Lifa’s Lost and Found”. And next to the column is a photo of a smiling girl. That is Lifa!



Ezo zinto zincipi zibomvu zaya zikhula de zaba ziinyibida ezintle, ezinde nezithi ndijonge kwaye ziineentyatyambo ezibomvu eziyingayo.

The little bits of red grew and grew until they became beautiful fire lilies, tall and elegant with drooping red bells for flowers.

Lots more free books at bookdash.org



Yenza ibali linike umdla!

- ★ Zoba iposta ebonisa iindlela ezi-5 zokuthintela imililo engalawulekiyo.
- ★ Umlilo ungaluncedo uze ube yingozi kakhulu. Bhala umbono ngezi mbono zimbini ziphikisanayo ngomlilo.
- ★ Phanda kwiincwadi okanye kwi-intanethi ngezityalo ezidinga umlilo ukuze kukhule ezintsha.

Get story active!

- ★ Draw a poster that shows 5 ways to prevent wildfires.
- ★ Fire can be helpful and very dangerous. Write a poem about these two opposite views of fire.
- ★ Do research in books or on the internet about plants that need fire to grow new plants.


UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa elinjongo yalo ikukuvuselela nokwendeliselisa inkcubeko nesithethe sokufunda kuMzantsi Afrika uphela. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-www.nalibali.org okanye ku-www.nalibali.mobi



Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark and embed a culture of reading across South Africa. For more information, visit www.nalibali.org or www.nalibali.mobi



Drive your imagination



Amathambeka ezo ntaba ayemnyama. Xa senyuka ngeenyawo saya entabeni, sabona amatye namatyholo atshileni kuphela. Sasikhathazeke nyhani. De ngenye imini ... kwathi gqi izinto ezincipi ezibomvu kuloo ntaba imnyama. "Jonga, jonga. Yintoni leya?"

The slopes of the mountain were black. When we walked on the mountain, all we could see were rocks and burnt bushes. We were very sad. Until one day ... tiny bits of red popped up through the black. "Look, look. What is that?"



Kuyatsha Entabeni




There's a Fire on the Mountain

Julie Smith-Belton • Kirsty Paxton
Nadene Reignier


Izinto eningathetha ngazo: Umlilo ongalawulekiyo woyikisa nyhani. Ngaba wena okanye umntu omaziyo ukhe wachatshazelwa ngumlilo ongalawulekiyo? Ucinga ukuba kungenziwa ntoni ngemililo emane itshisa imizi yabantu notyani?

Ideas to talk about: Wildfires are terribly frightening. Have you or someone you know been affected by a wildfire? What do you think can be done about the fires that regularly destroy homes and vegetation?



Emva koko kwalandela iintatyambo ezinkulu, ezibomvu zivele kolo hlaza ngathi zivolkheyno. Zazingathi zityhubhu ezideki ezibomvu ezineentongana ezityheli phezu, neephethali ezinkulu ezibomvu. Kwathi gqa gqa uhlaza kuyo yonke loo ntaba, lwatshintsha obo bumnyama baba yingca eluhlaza namatyholo amancinci.

Soon the mountainside was covered with plants we hadn't seen for years. The mountain is full of new life!



Mna nabahlobo bam kukho umdlalo esithanda ukuwudlala.

My friends and I have a game we like to play.



Emva kweentsuku ezintathu, amadangaye acima. Abacimi-milo batsho bakwazi ukuphuma. After three long days, the last flames were out. The firefighters could finally rest.



Ibe abantu *babaleka* nyhani. Bathatha
iincwadi neebhegi zabo baza babaleka
umsi namadangaty.

And people *did* run. They grabbed their
books and bags and ran away from the
smoke and the flames.



“Kuyatsha entabeni. Baleka, baleka!”

“There’s a fire on the mountain. Run, run!
Kukh’umlilo kwezontaba. Baleka, baleka!”



Then came the big, red flowers bursting
through the green like volcanoes. They
looked like thick, red tubes with yellow-
topped spikes and big, red petals.
Dots of green grew up all over the
mountainside, turning the black into green
grasses and little bushes.

Emva kwexeshana intaba yayigutyungelwe
zizityalo ekwakusele kuyiminyaka
singaziboni. Intaba iphinde yanezinto
ezintsha eziphilayo!





Big, old buildings burned, books burned, trees and grasses burned. Helicopters tipped water onto the fire, and brave firefighters blasted their hoses.

Kwatsha izakhiwo ezinkulu, zakudala, kwatsha iincwadi, imithi nengca nazo zatsha. Inqwelo-ntaka zaziman' ukugalela amanzi kulo mlilo nabacimi-mlilo babewutshiza ngemibhobho yabo yamanzi.



Then one day there was a real fire on the mountain. It was a terrible fire that burned and burned.


Emva koko kwakhula ubulawu obumhlophe kwindawo ezimanzi emva kwemvula.

Then there were asparagus ferns unfolding in wet patches after the rain.



Negotyibe elide elinombala o-orenji napinki.

And the tall watsonia in orange and pink.



Uthe uLifa esemile njalo, wacinga ngale nto ayiphethe
ezandleni zakhe. Uvalo lwakhe lwangongoza ngaphhezu
kwegubu. Wayibamba wayiqinisa esitubeni sakhe le pasile
waza wabaleka wagoduka. Wanga ekhawulezile, wavala
ucango waza walutshixa. Wayekhuselekile!
Kodwa wayengasaziva ekhuselekile ekhayeni lakhe.
Wayengakhuselekanga iselapho kuye ipasile ka T at uMzi.
Yayingathi kukho umntu omjongileyo. Neendonga ezi
yayingathi zinamhlo!
ULifa waqhusheka loo pasile ngaphantsi kwemfumba
yempahla eyayikwidrowa yakhe. Kodwa
wayengekakhululeki. Kuthekani ukuba
kukho umntu ombonileyo echola
loo pasile? Kuthekani ukuba loo
mntu uye wacingela ukuba
yintoni engaphakathi?
Aze eze azoyifuna?
Okanye ayithathe
ngenkani?

The day crawled by. Lifa could not eat or play or
take a nap. She could not watch TV, read a book or
sweep the floor. Oh, when would Ma come home?
Finally, just as the sun dipped down behind the far
buildings, Ma opened the front door.
Lifa jumped up. “Ma!” she shouted. “Quickly! Come
and see! Hurry!”
Ma’s eyes grew bigger when she looked inside the
parcel. She was quiet for a long time. She did not say
anything.
And suddenly Lifa knew what she had to say.
“Mama, you always say, ‘The right thing to do is the
only thing to do,’” she whispered.
Mama sighed – a long, soft and tired sigh. She
closed her eyes and slowly shook her head. “I am so
proud of you, Lifa,” she said.

Umhleli wabhala elinye inqaku ekhuthaza abantu
ukuba babuyise izinto abazicholileyo.
Izilwanyana zasekhaya, amabhanti, izipaji ibe
ngamanye amaxesha neeselfowuni zeziswa de
iphephandaba loyiswa bubuninzi bezo zinto ibe uLifa
wacelwa ukuba ancedise.

Namhlanje, uza kubona
ikholam yephephandaba
enomxholo othi
“Ikholam KaLifa
Yezinto Ebezilahlekile
Zaza Zafunyanwa”.
Ecaleni kwaloo
kholam kukho ifoto
yentombazana
encumileyo. NguLifa
ke lowo!



“What a dead, dull, day!” Lifa thought. “I am so
bored. And this is only the first day of the holidays!”
Lifa carried on looking through the TV guide. Then
she heard a door creak open and quickly bang shut
again. She leapt to her feet and ran to the window
to take a peek. But it was only grumpy old Mr Mzi
who lived two houses away.
Mr Mzi walked down the steps clutching an armful
of parcels in one arm, and a briefcase, a bunch of
keys and some papers in the other. He kicked the
gate open and walked towards the black Mazda
parked just outside his gate. Lifa watched as Mr Mzi
put one parcel on the roof of the car, opened the
back door and flung the briefcase and all the other
things onto the back seat.

“Yho, hayini!” watsho uLifa ekhefuzela. Wavula umnyango msinya waza waphuma endlini ebaleka ekhwaza, “Yima, Tat’uMzi, yima” ewangawangisa ngeengalo zakhe. Kodwa loo moto yayikela ekoneni njengoko ipasile ephenzulu kwale moto emnyama yayitshitshiliza isuka kwelinye icala yaya kuwela endleleni. ULifa wagoba waza wayichola le pasile. Iphapha elisecaleni laliye lakrazuka lavuleka. ULifa waphantse wawa kukothuka. Imali engakai. Kangangomzuzwana, uLifa wema kulo ndawo. Wayeqinisekile ukuba uTat’uMzi wayeza kubuya msinya. “Ndiqinisekile uza kubuya azothatha ipasile yakhe,” watsho. Kodwa uTat’uMzi akazange abuye.

“Oh, no!” Lifa gasped. She quickly opened her door and ran out of the house shouting, “Wait, Mr Mzi, wait,” waving her arms wildly. But the car disappeared around the corner as the parcel skidded across the roof of the black car and fell off onto the road.

Lifa bent down to pick up the parcel. The paper on the side had ripped open. Lifa nearly fell over with shock. So-ooo mu-uch money!

For a long moment, Lifa stood rooted to the spot. She was sure Mr Mzi would soon be back. “Surely he’ll come back for his parcel,” she said.

But Mr Mzi did not come back.

“Eh, kukho into oyilibeleyo,” uLifa wakhwaza esitsho xa wayebona uTat’uMzi ebaleka ephindela endlini. Ngemizuzwana nje, waphinda waphuma. Wangena emotweni, wadumisa injini ... yaza imoto yemka ibaleka.



“O-oh, forgot something,” Lifa said aloud when she saw Mr Mzi run back into the house. In seconds, he was out again. He slid into the car, started the engine ... and the car sped away.

“Ndingayibala? Ngaphambi kokuba siyise kuTat’uMzi, ndingayibala? Ndiyaceela torho?”

uMama wancuma. Kwakuza kufuneka ancedise uLifa xa ebala le mali. Yayininzi gqitha ukuba ibalwe nguLifa yedwa.

“Ziirandi ezingamawaka angamashumi amahlanu!” watsho uMama ethethela phantsi. “Ndiyagala ngqa ukubona imali engaka ebomini bam!”

ULifa wanikina intloko. “Inoba uTat’uMzi uza kuvuya xa ephinda eyibona!”

UTat’uMzi wavuya kakuhlu. Ngaloo ngokuhlwathahengela uLifa nomama wakhe isidlo. Emva koko wanika uLifa imbuyekozo encumisa ngokuba nenyani kwakhe – ishumile pesenti layo yonke loo mali. Wathi sisipho ampha sona kuba eyichole.

UTat’uMzi wabalisa ngoLifa, umsamariya olungileyo, kwiphaphandaba lasekuhloleni. Elo bali elalinomfanekiso kaLifa lalikwiphapha lokugala kwiphaphandaba, ibe wabizwa ukuba aye eqongeni esikolweni waza wanikwa imbasa ngenxa yokuba nenyani.

Kodwa eli bali aliphheleli apho!

“Can I count it? Before we take it to Mr Mzi, can I count it? Please?”

Ma smiled. She had to help Lifa count the money. There was too much for Lifa to count all by herself.

“Fifty thousand rand!” Ma said in a hushed voice. “I have never ever seen that much money in my entire life!”

Lifa shook her head. “I guess Mr Mzi will be very glad to see it again!”

Mr Mzi was overjoyed. He bought a huge supper for Lifa and her mother that night. And he gave Lifa a handsome reward for her honesty – ten per cent of the full amount. He called it a finder’s fee.

Mr Mzi told the story of Lifa, the good samaritan, to the local newspaper. The story and Lifa’s picture was on the front page of the newspaper, and she was called onto the stage at school and given an award for honesty.

But the story does not end there!



Ncedisa NgoSuku Lomhlaba

Kulo nyaka **Usuku Lomhlaba** lungolwesihlanu, 22 kuEpreli 2022.

Lusuku:

- ★ esingafunda size sifundisane ngalo ngeengxaki zokusingqongileyo ezichaphazela iplaneti yethu;
- ★ esingenza ngalo amacebo okuqhuba wonke umntu, ngakumbi abepolitiki namashishini, ukuba bathathe amanyathelo okulungisa ezi ngxaki; kwaye
- ★ sibhiyozele kwaye siqinise oko siye sakwenza ukuze sincele iplaneti yethu.

Usakhumbula ukuba bekutshisa kangakanani ekuqaleni konyaka? Bekukho izantyalantyalala eMpumalanga, KwaZulu-Natal, eFreyistata, eMpuma Koloni naseNtshona Koloni. Ibali elithi *Kuyatsha entabeni*, libalisa ngomlilo ongalawulekiyo owawuvutha kwiNtaba Yetafile eKapa ngowe-18 kuEpreli 2021.

Iintsholongwane zekhorona ezifana nomkhuhlane weentaka, umkhuhlane weehagu ne-Covid-19 zizifo ezosulelayo ezisuka kwizilwanyana ziye ebantwini ngenxa yokufuya izilwanyana ezininzi kumhlaba omncinci, kunye nokuthenga nokuthengisa izilwanyana zasendle.

Ubushushu obugqithiseleyo, izantyalantyalala, imililo engalawulekiyo noobhubhani ziindlela umhlaba osixelela ngazo ukuba indlela esisebenzisa nesilawula ngayo izinto itshabalalisa okusingqongileyo.

Ngoko, singenza njani ukuze sikwazi ukunika wonke umntu ukutya, amanzi namandla ngaphandle kokonakalisa umhlaba? Abantu kufuneka batshintshe indlela abashishina ngayo, indlela ababugonda ngayo ubutyebi nempumelelo nendlela ababakhathalela ngayo bonke abanye abantu ehlalathini jikelele. Xa sinceka umhlaba ukuba uchache, siza kunceda ekuphunguleni nasekulungiseni ubuhlwempu nokutshintsha kwemozulu. Wonke umntu angafaka isandla ibe ufanele afake isandla.




Join hands on Earth Day

This year **Earth Day** falls on Friday, 22 April 2022.

It is a day when we can:

- ★ learn and teach each other about environmental issues that affect our planet;
- ★ organise ways to get everyone, especially politicians and businesses, to take action to address these issues; and
- ★ celebrate and strengthen what we have done to help save our planet.

Izilwanyana zidinga umhlaba eziza kuphila kuwo
Ama-75% ezifo ezosulelayo ezintsha zabantu avela kwizilwanyana



75% of new infectious diseases come from animals

Animals need space to live

Do you remember how hot it was at the beginning of the year? There were also floods in Mpumalanga, KwaZulu-Natal, the Free State, the Eastern Cape and the Western Cape. The story, *There's a Fire on the Mountain*, is about a wildfire on Table Mountain in Cape Town on 18 April 2021.

Coronaviruses such as bird flu, swine flu and Covid-19 are infectious diseases that have spread from animals to humans because of farming many animals on smaller pieces of land, and buying and selling wild animals.

Heatwaves, flooding, wildfires and disease pandemics are the earth's way of telling us that the way we use and manage resources is destroying the environment.

So, how can we meet everyone's need for food, water and energy without harming the earth? Humans need to change the way we do business, how we understand wealth and success and how we care about all people all over the world. When we help to heal the earth, we will help to slow and reverse poverty and climate change. Everyone can and should play a part.

Into ongayenza ngoSuku Lomhlaba



What can you do on Earth Day?



Nciphisa, uphinde usebenzise izinto.

Nciphisa izinto ozilahlayo.

Reduce, reuse, and recycle.


Cut down on what you throw away.

Fundisa abantu.

Chazela abantu ngezinto ozaziyo. Banike iincwadi neemagazini, utshintshiselane nabo okanye unikele ngazo.

Educate.

Share what you know with others. Share, swap or donate books and magazines.



Thenga ngobulumko.


Yithenge kancinci iplastiki. Phinda uzisebenzise iplastiki.

Shop wisely.

Buy less plastic. Reuse shopping bags.

Yonga amanzi.

Awakho amanzi asimahla. Usoloko ekho umntu ohlawulswayo ngobu buncwane buxabisekileyo.



Save water.

There is no free water. Somewhere someone is paying the price for this precious resource.



Tyala umthi.

Imithi ivelisa ukutya neoksijini, icoce umoya, ibambe umhlaba ungakhukuliseki kwaye iba likhaya lezinambuzane, iintaka nezilwanyana ezincinci. Zama ukutyalala imithi EMIBINI qho xa kugawulwe OMNYE.

Plant a tree.

Trees provide food and oxygen, clean the air, hold the soil in place and are a home for insects, birds and small animals. Try to plant TWO trees for every ONE cut down.

Yiba livolontiya.

Volontiya xa kucocwa kwindawo ohlala kuyo, elwandle okanye emlanjeni.



Volunteer.

Volunteer to clean up your community, a beach or riverbank.



Cima izibane!

Zicime izibane xa uphuma egumbini.

Lights out!

Put lights off when you leave the room.

Sukusebenzisa imoto kakhulu.

Ukuba uyakwazi, khwela ibhayisekile okanye uhambe ngeenyawo xa usiya esikolweni, ezivenkileni nakubahlobo bakho.

Drive less.

If you can, use a bicycle or walk to school, the shops and your friends.



YIBA SELUXOLWENI NENDALO. KHUSELA ABAHLELELEKILEYO. KHAWULEZISA KWAYE UYENZE UNETHEMBA LOO NTO!



MAKE PEACE WITH NATURE. PROTECT THE MOST VULNERABLE. ACT WITH URGENCY AND HOPE!



Drive your imagination




Iyure yomlingo



NguThato Kgaje Imizobo izotywe nguNatalie noTamsin Hinrichsen

Kwixeshana nje elingephi elidluleyo, phofu xa ukhokho kakhokho wam wayeseyintombazana, inkukhu nenkomo zazingabahlolo.

Ngenye imini, xa zazihamba emasimini, uNkukhu waphakamisa iintsiba zakhe waza watshikizisa isisila sakhe. Wayesoyika. UNkomo wayibona le nto njengoko wayehlafuna esetyisa.



"Yintoni ingxaki, Nkukhu?" wabuza uNkomo ejwuzisa umsila wakhe.

"Uyayiva le nto itshoyo?" uNkukhu walaqaza emasimini, emva koko wajonga uNkomo.

"Hayi," watsho uNkomo. "Ikhona into evakalayo?" UNkomo wajika intloko eyijongisa ngapha aphinde ayijongise ngaphaya kangangokuba ikloko enkulu endala eyayijinga entanyeni yakhe yayinkqewuza. Yayisenza ingxolo enkulu eyavakala kuloo masimi anombethe.

"Yile nto kanye ndizama ukuyitsho," watsho uNkukhu. "Akukho zandi zezinye izilwanyana kule fama. Ucinga ukuba kutheni kunjalo nje?"

UNkomo waqhubeka ezihlafunela umetyiso wakhe ngoxa esacinga ngalo mbuzo.

"Kaloku," ngobukrwada uNkukhu wamphazamisa uNkomo esacinga, "umfama uthathe bonke abahlolo neentsapho zethu wabasa kwindawo ekuxhelwa kuyo."

UNkomo wothuka kangangokuba wayiginya ngaxesha linye yonke ingca awayeyetyisa. Loo nto yamenza wabhodla kakhulu ngendlela amanenekazi angafanelanga abhodle ngayo!

"Kuza kufuneka siqhwashe kuba kuza kulandela omnye wethu! Kufuneka siqhwashe ingekenzeki loo nto," watsho uNkukhu.

"Siqhwashe?" uNkomo wabuza emthe ntsho uNkukhu ngaloo mehlo akhe makhulu.

"Ewe, simele siqhwashe ngokuhlwanje! Kodwa kuza kufuneka simlumkele umfama. Simele siqiniseke ukuba akasiva xa sihambayo," watsho uNkukhu. UNkomo wanqwala evumelana naye.

Ngalo ngokuhlwa, kuthe nje ukuba kucinywe izibane kwindlu yomfama baza beva umfama erhona, uNkukhu noNkomo bangena endloleni.

UNkukhu wasebenzisa umlomo wakhe ukuze abambebele kwintsimbi yekloko eyayijinga entanyeni kaNkomo. Kwakufuneka bangavakali kangangoko kunokwenzeka ukuba babefuna ukuphumelela xa beqhwashe.

Bathe xa bekwiHlathi Elihlaza, uNkukhu wayiyeka ikloko kaNkomo baza bema bethe cwaka bemamele kangangexeshana. Babengazi nokuba baya phi kwaye besoyika.

Kwisebe lomthi eliphezu kwabo, beva bekhwazwa yinkonjane.

"Heyi nina! Ndim lo! Apha phezulu! Nilahlekile ...?" uNkonjane wayefuna ukwazi.

"Hayi, asilahlekanga. Siqhwashe efama kuba umfama uthathe bonke abahlolo neentsapho zethu wabasa kwindawo ekuxhelwa kuyo. Omnye wethu, okanye

sobabini, uza kulandela, ngoko sigqibe ekubeni siqhwashe," waphendula uNkukhu.

"Nimuncu, nimuncu," wakhwaza uNkonjane ephezulu. "Hlathi Elihlaza ligcwele zizilwanyana zasendle ibe ngoku lixesha ezizula ngalo iikati ezinkulu zikhangelwa ukutya okumnandi – okufana nenkomo okanye inkukhu emuncisa iintupha. Mna ndithi nibaleka into ebuhlungu niza kwebuhlungu nangakumbi."

"Hayi, asinakuba sajika ...?" uNkomo watsho, elaqaza enexhala.

"Ngoba?" uNkonjane watsho. "Into ekufuneka niyenze nje, kukuxelela umfama ukuba ikho indlela ebhetele yokwenza izinto."

"Indlela ebhetele?" watsho uNkukhu. Wayengayikholelwa le nto ayivayo.

"Ewe," watsho uNkonjane. "Khumbulani ukuba mna ndingumcebisi kaKumkani. Ndiyazazi ezi zinto. Kufuneka nibonise umfama indlela enixabiseke ngayo."

Kwinoxalenye eselelo yalo ngokuhlwa aba bathathu bahlala kunye bacinga baza bathetha baza beza necebo.

Ngethamsanqa kwathi kanti iHlathi Elihlaza liyindawo yomlingo apho nantoni na inokwenzeka, ngoko uNkonjane wathumela zonke iintaka zasehlathini ukuba ziye kuqokelela imbewu yemifuno eninzi kangangoko kunokwenzeka.

Emva kokuba yonke loo mbewu iqokelelwe ngobunono, uNkonjane wajonga aba bahlolo babini.

"Kufuneka niithathe yonke le mbewu nibuyele nayo efama nize niyityale kumasimi awaphethuleyo umfama. Kodwa imbewu nganye kufuneka ibe sele ityaliwe ngaphambi kweyure yomlingo." UNkonjane wajonga kuNkukhu nakuNkomo waza wajonga phezulu enyangueni. "Kufuneka nikhawulezise. Ininzi le mbewu kwaye ixesha lincinci."

UNkukhu noNkomo basokola ukuthwala yonke loo mbewu bebobabini nje qha, kodwa kungekudala baqalisa ukutyala imbewu emasimini ngokukhawuleza kangangoko babenako.

Utthe xa uNkukhu egqumelela imbewu yokugqibela ngomhlaba, yagaleleka iyure yomlingo waza uThixo wavula isibhakabhaka. Kwana imvula etsho kancinci kuloo masimi asandula ukulinywa ibe zonke iintlobo zeembewu zaqalisa ukuntshula nokukhula. Kungekudala kwakukhula imifuno kuyo yonke indawo. Amasimi omfama ayemahle.

Utthe xa umfama ephuma esiya emasimini akhe ngalo ntsasa, akayikholelwa into ayibona ngamehlo akhe.

Kwakungadweliswanga iibhaskiti zemifuno esandula ukukhiwa kuphela, kodwa kwakukho namaqanda amaninzi namabhakethe amaninzi obisi olusandula ukusengwa. UNkukhu noNkomo babemi apho bebonakala bezidla, ibe umfama wayesazi ukuba yonke loo nto yayibangelwe kukukhuthala kwabo.

Umfama wayenombulela kakhulu ibe ukususela loo mini, umfama, uNkukhu noNkomo baphila kamnandi kunye kulo fama.



Yenza ibali linike umdla!

- ★ Khetha indawo apha ebalini engenamzobo uze uzobe umfanekiso wayo. Khuphela amagama alapha ebalini aza kuhamba nomfanekiso wakho okanye ucele umntu akuncedise ekwenzeni le nto. Namathelisa iphepha elinebali ezantsi komfanekiso.

- ★ Zenze ngathi unguNkomo noNkukhu. Bhala ileta eya kuNkonjane ukuze umbulele ngokuba enincedile.
- ★ Qala igadi encinci ngebhotile yeplastiki. Lalisa ibhotile ngecala uze uyisike kweli cala lijonge phezulu. Galela umhlaba ochumayo kule bhotile. Tyala iimbotyi ezimbalwa uze uzinkcenkceshele. Beka igadi yakho elangeni.



Drive your
imagination



The magic hour

By Thato Kgaje ■ Illustrated by Natalie and Tamsin Hinrichsen



Not so long ago, in fact in the time when my great-great-grandmother was a young girl, a chicken and a cow were friends.

One day, as they walked along the fields, Chicken fluffed her feathers and wiggled her tail feathers. She was fidgety. Cow noticed this as she slowly chewed her cud.

"What is wrong, Chicken?" Cow asked while she swished her tail.


"Do you hear that?" Chicken looked around the fields, and then back at Cow.

"No," said Cow. "Am I supposed to hear something?" Cow turned her head this way and that way so that the huge old bell around her neck jingled and jangled. It created a very loud noise which rolled across the dewy fields.

"That's exactly what I mean," said Chicken. "There are no other animal sounds on this farm. And why do you think that is?"

Cow continued chewing her cud while considering the question.

"Because," Chicken rudely interrupted Cow's thinking, "the farmer has shipped all our friends and family off to the slaughterhouse."



Cow got such a fright that she swallowed the cud she was chewing in one big gulp. This made her burp loudly and in a very unladylike manner!

"We have to escape because one of us is next! We need to get away before that happens," Chicken said.

"Escape?" Cow asked while looking at Chicken with big eyes.

"Yes, we must escape tonight! But we must be careful of the farmer. We must make sure he

does not hear nor see us leaving," said Chicken. Cow nodded in agreement.

That evening, as soon as the lights in the farmhouse went out and they could hear the farmer snoring, Chicken and Cow set off.

Chicken used her beak to hold onto the clapper of the bell around Cow's neck. They had to be as quiet as possible if they wanted their escape to be successful.

Once they were in the Great Green Wood, Chicken let go of Cow's bell and they stood silently listening for a while. They had no idea where they were going and they were a bit scared.

From a branch above them, came the call of a swallow.

"Hey strangers! Here! Up here! Are you lost ...?" Swallow wanted to know.

"No, we are not. We are escaping from the farm because the farmer had all our friends and family sent to the slaughterhouse. One of us, if not both, is

next, so we decided to escape," answered Chicken.

"Not wise, not wise," called Swallow from above. "The Great Green Wood is full of wild animals and this is the time the big cats roam around looking for a delicious meal – such as a tasty cow or chicken. You are running from a bad situation to an even worse one, I would say."

"Well, we can't go back ..." Cow said, looking around anxiously.

"Why not?" Swallow chattered. "All you have to do, is show the farmer that there is a better way."

"A better way?" clucked Chicken. She could not believe what she was hearing.

"Yes," said Swallow. "Remember that I am the advisor to the King. I know these things. You need to show the farmer your real value."

For the rest of the evening the three sat together thinking and talking and coming up with a plan.

Now, luckily the Great Green Wood was a place of magic where anything was possible, so Swallow sent all the birds of the forest out to gather as many vegetable seeds as they could find.

With all the seeds gathered carefully, Swallow looked at the two friends.

"You have to take all these seeds back to the farm and plant them in the fields the farmer has prepared. But each seed must be in the ground before the magic hour." Swallow looked at Chicken and Cow and up at the moon. "You must be quick. There are a lot of seeds here and not much time."

Chicken and Cow struggled to carry all the seeds between just the two of them, but before long they were busy in the fields planting the seeds as fast as they could.

Just as Chicken was covering the last of the seeds with some soil, the magic hour struck and Unkulunkulu opened the sky. Soft rain fell on the newly planted fields and all the differing kinds of seeds started sprouting and growing. Soon there were vegetables growing as far as you could see. The farmer's fields looked wonderful.

When the farmer walked out to his fields that morning, he could not believe his eyes. Not only were there baskets of fresh vegetables lined up in neat rows, but there were also plenty of eggs and many buckets of fresh milk. Chicken and Cow stood nearby looking very proud, and the farmer knew this was all the result of their hard work.

The farmer was very grateful and from that day on, the farmer, Chicken and Cow lived happily together on the farm.



Get story active!

★ Choose a part of the story that does not have an illustration and draw a picture for it. Copy out the words of the story that go with your picture or ask someone to help you do this. Paste the page with the story to the bottom of your picture.

- ★ Pretend that you are Cow and Chicken. Write a thank you letter to Swallow for helping you.
- ★ Start your own small garden in a plastic bottle. Lay the bottle on its side and cut off the side facing up. Put good soil in the bottle. Plant a few beans and water them. Place your garden in the sun.

Okokuzonwabisa kwakwaNal'ibali

Nal'ibali fun



1.

☉ Sika lo mfanekiso uze uwunamathelise embindini wephepha elikhulu. Emva koko zoba ilifu ekubhalwa kulo into ecingwa ngumntu kumntu ngamnye okulo mfanekiso. Kwelo lifu, zoba ikhava engaphambili yencwadi ocinga ukuba ngamnye wabo uyayifunda. (Ungalibali ukubhala umxholo walo ncwadi kwikhava yayo!)

☉ Cut out this picture and paste it in the centre of a large sheet of paper. Then draw a thought bubble for each character in the picture. In the thought bubble, draw the front cover of the book you think each of them is reading. (Don't forget to write the book's title on its cover!)



2.



Ufunde ntoni?

- ☉ Sika irekhodi yokufunda engezantsi uze ubhale igama lakho kuyo.
- ☉ Fumana amabali angezantsi ku-www.nalibali.org. Cela umntwana omdadlana kuwe okanye umntu omdala akuncedise ukuba kuyimfuneko.
- ☉ Dawunlowuda amabali uze uwafunde nomntu odla ngokukufundela.
- ☉ Gcwalisa iphepha lerekhodi yokufunda yakho ukuze ubonise indlela olithande ngayo ibali ngalinye.

What have you read?

- ☉ Cut out the reading record sheet below and write your name on it.
- ☉ Find the stories below on www.nalibali.org. Ask an older child or an adult for help if necessary.
- ☉ Download the stories and read them with the person who usually reads to you.
- ☉ Complete your reading record sheet to show how much you enjoyed each story.

Igama lebali / Name of story	Uliithande kangakanani eli bali? / How much did you enjoy the story?
UTimi nomchebi weenwele / Timi and the barber	
Unja / Dog	
Usuku lokukhunjulwa / A day to remember	
Wenza njani ukuze ube liqhawe elibalaseleyo / How to be a superhero	
Ummangaliso weenwele / Hair magic	
(Elona bali ulithandayo) / (Your favourite story)	



AbakwaNal'ibali bakhona ukuze bakunike inkuthazo nenkxaso. **Qhagamshelana nathi** nangayiphi na enye kwezi ndlela zilandelayo:
Nal'ibali is here to motivate and support you. **Contact us** in any of these ways:



www.nalibali.org



www.nalibali.mobi



[nalibaliSA](https://www.facebook.com/nalibaliSA)



[@nalibaliSA](https://twitter.com/nalibaliSA)



[@nalibaliSA](https://www.instagram.com/nalibaliSA)



info@nalibali.org

Produced by The Nal'ibali Trust. Translation by Mosekela Solutions. Nal'ibali character illustrations by Rico.

UMLAZI
EYETHU

EASTERN CAPE
RISING SUN

POLOKWANE
OBSERVER



Drive your
imagination